ELIPEPA. LIPUMA
NGOLWESI-TATU
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu.

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

I izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d. zingene karya ; 3s

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, NGOLWESI-TATU, FEBRUARY 28, 1894. [Vol. IX No. 488

## DYER AND DYER

(LIMITED.)
KING WILLIAMSTOWN.

### Impahla Entsha Yasehlotyeni.

Isuti Ezintsha ze Twidi ziqala kwi 16 6.
Isuti Ezintsha ze Diagonal Tweed Emnyama ziqala 25/. Isuti Ezintsha ze Blue Serge ziqala kwi 25/.
Iminqwazi Emitsha, Ihempe, Izitadi, Izihlangu, Amaqhina, njalo-njalo.
Ibhulukwe Zamadoda Zekodi ziqala kwi 4 6.
Ihempe Zamadoda Zokusebenza ziqala kwi 1/ inye.
I Flanellette Zamadoda ziqala kwi 1/3 inye.
Ngokubalulekileyo—Ibhulukwe Ezilungileyo Zamadoda ze Whipcord 6 6.
Ibhatyi Ezilungileyo Zamadoda ze Whipcord 10 6.

### Impahla ye Kriketi ne Tennis,

ISANDULUKUFIKA:

IBHATI ne BALLS, IZITAMPU, I-LEG GUARDS, I-GLOVES—zokudlala nezokunqanda emva kwe Wikiti.—I RACQUETS ze TENNIS, IBHOLA, i NETI, njalo-njalo, yonke into efunekayo. —

AMAXABISO AHLISIWEYO KWI CLUBS.

Eyona igqitiseleyo neyona itshipu kuzo zonke ngempahla eyenziwe Ngabasiki, no Mpahla Zabafundisi, njalo-njalo.

## DYER NO DYER,
## E QONCE.

## ITUBA LOKWENZA IMALI.

Zisani bonke UBOYA benu
Zisani bonke UBOYA BEBHOKWE
Zisani wonke UMBONA wenu
Zisani onke AMAZIMBA enu
Zisani yonke INGQOLOWA yenu
Zisani yonke IHABILE yenu.

Nayo yonke enye imveliso eninayo naniya kufumana amanani Apakamileyo e Cash ngayo—YIZANI KUBEKANYE, naniya kuhlala nisiza ko

## JAMES HODGES and CO.

QUEENSTOWN.

Iyeza Elingummangaliso.

## BEECHAM'S PILLS

Zikulungele Ukuqunjelwa nezinye intlungu, ezinje ngo Moya no Ntlungu e Siswini, Intloko Ebulalayo, Ukuba nesi Yesi, Intluta nokuqunjelwa emva Kokutya, Ukupitizela kwe Ntloko, Nobundongela, Ukuqaqazela Yingqele, Imfadumalo Zobushushu, Umnquma, Ukupefumla Okuqupayo (Ipika), Ukungayi Ngasese, Ukujaduka Komzimba, Ukangalali Kamnandi, Amapupa Awoyikekayo, nako konke Ukungcangcazela, njalo njalo. IDOSI YOKUQALA INOKUNCEDA KWISITUBA SEMIZUZU ENGAMASHUMI MABINI.

Asintsomi lonto. Umlwelwe ngamnye ucelwa ukuba utate ibhokisana yezi Pills, ziya kuvunywa ukuba ibhokisana yazo " ifanele i Ponti onesheleni."

I PILLS zika BITSHIM, zitatwe ngemigaqo emiselweyo, zibehlo ziwapilise ugqe amankazana. Azedendi ukupilisa inqu mzimba.


Kwi Sisu esi Butataka; Nokungatandi Kutya; Nesibindi Esingapililoyo: zisebenza ngobugqi; — idosi ezimbalwa zetizi impiliso engummangaliso kwanamalungu Ayinqobo Emntwini; Zomeleza imisipa ; zibuyisa intlahla yomutu obesekudala yamsabayo ; zenza ukuba ubani abuye akutande bukali ukutya, zivuselela BONKE UBUHLE BE MPILO NENKUTALO YOMZIMBA womutu, ezi Pilisi zidume ngokukodwa ekupiliseni Icesina kumazwe ashushu. Ezi " zinyaniso " ezivunywa yinyambalala yabantu, kuzo zouke indidi zabantu, obunyo ubungqina obupeleleyo ngobutataka bobu bokuba i *Pilisi. zika Bitshim lelona yeza litengwayo ngapezu kwawo onke akoyo apa emhlabeni,* Incazo ezeleyo ebhokisaneni nganye.

Lenziwa ngu THOMAS BEECHAM kupela, e St. Helens, Lancashire, England.
*Litengiswa ngabapitikevi mayeza bonke ezi Kolonini.*

## PEACOCK BROS. NO WEIR,
## EKOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, bonika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abuyi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benawo.



KWABAKUFUPI
NABAKUDE

(Ngokukodwa AMA TRANSPORT)

IMIXESHO YENYAMA
NE ZONKA,

NINOKUYIFUMANA KO

## Smith & Gregg,

UMELENE NAMAGQUBA APAKATI

CAMBRIDGE || ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

### Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.
1/6 ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Elika
COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile,

Ezika'
COOK Ipils,
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinye.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d. ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngesiqunyana

Oka
COOK Umciza we Cesine. 8/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.
*Ngawenkohliso angenalo igamalake.*

Owatengisayo e Mount Frere, kwa Baca, J. J. YATES, " Umatendela."

U
## P.S JEFFEREY

UNGA angababulela abatenga Evenkileni zake ngobubele bokumxhasa kwixesha eligqitileyo. Unqwenela ukwazisa
*Umzi ose Kamastone nase Hewu*

Ukuba ivenkile zake ezise
Kamastone, Didimana nase Donnybrook,

Zizele ngoku Yimpahla
### YALO MCHEBO.
UYITENGISA NGAGQITISELEYO NGOBUPANTSI WONA AMANANI ELENGE NGEMALI UMNTU.

—o—

Ezikotiweyo zona Ibhulukwe Zamadoda—ezivulokileyo ezantsi.
Izihlangu zamadoda ezizitende zide
Izitofu-intlobo ezintsha.
Ityali Ezibuhlungu Zoboya zamankazana.
Intlobo ze Printi.

—o —


Yonke into etengiswa ngabantu itengwa ngemali, ngamaxabiso anokufunyanwa napi.

—a—

Uboya Begusha nebokwe bufuneka mu.

—o—

ZONKE IZIKWELITI ZALOMCEBO KUFUNEKA ZIHLAULWE PAMBI KOKUPELA KWALO NYAKA, okanye ziya kunikelwa kubaquki.



KWAZISWA

UMZI OMELE ICALA

UKUBA Ivenkile ebihanjiswa ngu MR. JOHN WILSON, isezandleni ngoku zo

## WM. SAVAGE & SONS

Abazimisele ukuwuquba umsebenzi NGOHLOBO OLUPEZULU; kunjalo-nje IZAKWANDISWA KWINTO EBIYIYO.

ISEBE LAMAQABA

LAHLUKILE KANYE KWELABE

SIKOLO.

*Ityali, I Printi, Ingubo zokuvata— Yin to eninzi.*

I-BLANKETE, AMAFELANE, AMABHAI NEZIBIIALALA.

Sinegama elidumileyo kuyo yonke i Transkei nge Blanketo zetu kwane Zibhalala.

## IMPAHLA YOKUTSHATA:

Elisebe lipantsi kokulaula kuka Mr. BATTERSBILL wetu onamava amakulu ngeyona nto kanye ifunekayo kwabalungiselela Imitshato. Ngoko imicimbi epatiswe yena iyakwanelisa kanye.

INGUBO ZAMADODA:

Intlobo zonke zozitofu, ne Twidi, Ibhatyi, Ibhulukwe — ngazwinye into yonke angayifunayo umntu.

W. SAVAGE & SONS.

## GEO. HATCH.

Enyutawuni, Cambridge Road.

TENGANI~NGEMALI

KWI

VENKILE YOMZI,

Naniya Kuyilondoloza Imali Yenu.

*Ikofu erwada yase Rio 1/ ngeponti.*
*Kanilinge i Ten eyazekayo ekutiwa yi Souchong (Shushwana) 1 9 qa ngeponti*

Ubugongalala bonke bento ezinje nge Swekile, Kofu, Jam no Tiya, njalo njalo, eiko

KWI VENKILE YOMZI

## GEO. HATCH,

E *QONCE.*

## N. MEYER,

Inchibi Yentsimbi Zamaxesha, Imisesane, nama Jikazi,

CAMBRIDGE ROAD, Kingwilliamstown.

Wonke umsebenzi endiwupatisiweyo wenziwa msinyane ungowelene.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE
IBLANKETE ZOBOYA
*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi " EXTRA NAVY or MATTR0SS"*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibo ke kwelokuba SIZIPULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE . ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivankile enitanga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## PEACOCK BROS. and WEIR,

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanokisolwe Ngonyama.

## Beauchamp, Booth & Co.

EYON AVENKILE INKULU

NETENGELAYO

KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETINI

IKELEKO

ISHITI. ZEKOYI

### Impahla Yomtshato Yonke.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

U-QONCE. KINGWILLIAMSTOWN

## J. W. GARRETT & CO

LADY FRERE

IZITORA " ETSHIPU."

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nokofu, nento zalo womkondo Izihlangu Ingubo Zamadoda, Isali nompahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomva.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu nje BOYA. IZIKUMBA, UKUTYA, MPAHLA EHAMBAYO.*

# PASCOE, (U FOLOKOCO)

UKE wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhatyi (eziyi Salvation zona), Ibhatyi (ezimfutshane) Nendulubhatyi.

Ingubo Zabafundisi, Isuti zenziwa njengomyalelo,
Imisesane Yomtshato neyo Ngeji (intlobo ngentlobo),
Ibhutsi ne Shuzi (ezikalayo nezingakaliyo).

## IMPAHLA YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmeka ye Ngesikazi. Odola Ilokwo yako ngexesha le Bhulakufesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga-

Imela Nefolokwe, ne Mpahla Yokupeka,—
Itshipu Ngokungummangaliso.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwake (Saluf) e

## QONCE, EMONTI nase CALA,

U-FOLOKOCO.

## BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO.,

GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA KUMASEBE ONKE.

I Blanket zamabala ziqalela kwi 1s. 7 ½ d., Amabhayi abubanzi bupindiweyo ll ½ d., Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalelakwi l ¾ d. nge yadi, I 'Tweed ' eziqaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3 ¾ d. nge yadi, I Flannelettes 2 ¾ d. nge yadi, Ezona zilungileyo i Printi zama Jamani nama Bhulu 6d. nge yadi, Ityali zoboya ezona Fishini zintsha ziqalela kwi 3s. kude kube nga 30s. inye, I Quilts zamabala ziqala 1s. 11 ½ d, I Quilts ezimhlope ziqala 2s. l1d., Amakulu amahlanu e " knitted skirts " 1s. 2d. inye.

*'Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nkohliso. Kwisebe le lokwe (Drapery)ngexeshale Fandesi 1s. ebifudula isapulwa nge xabiso leponti iyakuyekwa.*

Isebe Lezinxibo lakwa BON MARCHE :

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. l1d. inye, I Suti zamadoda zeTweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abanzi 2s. umnye, Ibhatyi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.

QONDISISANI KAKUHLE—Wonke ubani otenge izinxibo zexabiso eliyi ponti £l uyakwapulelwa isheleni ezi ntatu (3s.)

JOHN W. BAYES & CO. BON MARCHE GRAHAMSTOWN

# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

# I-PRINTI EZINTSHA,

3d., 4d., 5d,, 6d, 7 ½ d , 9d.

## GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

## JOHN LUMSDEN & CO.,

E GCUWA, TRANSKEI

BAZISA Umzi Ontsundu okulo lonke ela Pesheya kwe Nciba okokuba BAZIKETELA NGOKWABO IMPAHLA yentlobo ntlobo zonke e SKOTILANE, engalungela imfuneko zomzi; nokokuba baya kuzingisa ukunikela

*Abantsundu Abatenga nge Mali,*

into ezifanele ixabiso layo.

BAVAVANYENI! NIBALINGE!


## AFRICAN AND AMERICAN WORKING MEN'S

*UNION.*

ISAZISO KUBA-BAMBI-ZAHLULO.

INTLANGANISO yaba Bambi Zahlulo yonyaka iyakuba e Port Elizabeth esikolweni sase Wesile, ngolwesi BINI, 27 MARCH, 1894, iya kuqala ngo 7'30 p.m. *kanye.*

Yenzelwa ukwamkela ingxelo yaba Pati, kwanohlobo ezimi ngalo imali kuse kusuku lwe 31st December ogqitileyo.

Kwangeloxesha kuleyo ntlanganiso aba Bambi-Zahlulo baya kunyula aba Pati babe babini esikundleni so Messrs. EBENEZER MARELA no NISINI MBAMBANI abashenxayo ngokulandelana kwayo ekunyulweni, baye benokubuye banyulwe kanjalo.

GEO. A. ROSS, Secretary.

23rd February, 1894. 1283


## Umsebenzi Wabapehleleli

KWA BANTSUNDU,

E Berkeley Street, e QONCE,


SIFUNA ukwazisa kwizihlobo zetu ezi Ntsundu okokuba le Tyalike seyavulwa ukuba kwenzelwe kuyo Inkonzo ; nokokuba ukutatela kwinamhla Inkonzo iya knngena ngo 7 *ngokuhlwa zonke i Cawa* Umzi *ze* uncede uze namaculo.

C. PITTMAN,
Umfundisi.

20 February, 1891.

NALI ELINYE.—Abanomnqweno wokudibana nomfundisi bangaya kuye e Tyalikeni ngo 7 *bonke olwesi Tatu.*

### Ezinge Mfundo

KUFUNWA,—Titshala enomfazi, engu mshumayeli ye Bandla lase Wesile ibe yelumkileyo ewaziyo umsebenzi. enesatifikiti. Ngomrumo, njalo njalo, kungabhalelwa ku

REV. J. W. HOUSEKAM,
Buntingville, Umtata.

### KU BATANDI BENGOMA

INGOMA ENTSHA NGE SOLFA—" *Her Last Words"*—esikumbuzo samazwi okuyolela kuka Mrs. Bokwe; nenye " *The Peace of God "*—iculo elenziwa ngesicelo somfi u Hon. Charles Brownlee ukukumbuza ukubhubha kwentombi yake. Zishicilelwe ngu Mr. Bokwe e Lovedale. Zombini zinokutengwa nge 6d.; ize kudibene nendleko zeposi ibe 6 ½ d. Owafunayo lamaculo abhalele ku

JOHN KNOX BOKWE,
;Lovedale, Alice,

### KUFUNWA

UMVANGELI wokusebenza pesheya kwe Nciba pakati komzi osesebuhedenini kanye wona.

Ngencazelo kubalelwa ku REV. JOHN HARPER, Brownlee Station,

14,28 Kingwilliamstown.


## JESSE S, HONEY,

*I ARENTE NOMFANDESI,*

## Umxabisi Wakomkulii,

MACLEAR.

2ts85


UKWAZISANA KWEZIHLOBO

Abatshatileyo.

SMITH.—Ngomhla we 16 January, 189-1, kutshatiswe u JAS. A. SMITH wase Cathcart no ELIZABETH J. TUMELA wase Healdtown, Babotshwe ngu Rev. J. Ncalo.

1

Abazelweyo

SIHLALI.—E Solomonvale, Engcobo, ngo 2 February, 1894, Umnikazimzi wakwa Rev. S. P. Sihlali ufumene UNYANA. 2t73

Imibiko.

HLATI. — E Komani ngolwesi Bini, 13 February, 1891, kubhubhe u CLIFFORD CITWA, unyana ka Charles no Georgina Hlati. Ube mnyaka mnye onenyanga ezine ubudalo. Izihlobo mazamkele lombiko.

2t284

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, FEB. 28, 1894.

## Iveki.

SEKUNTSUKU kungasavakali nto ngengqakaqa e Rautini. Fan' ukuba ipelile.

ITYALIKE yama Wesile antsundu ase Kimbili, ebibalasele ngokuvuza umoya ne"fulkau" iwile. Fan' ukuba kuya kwakiwa-entle efanele umzi ngoku.

UMONAKALO owenziwe zimvula kwelase Transvaal ubembi kangangokuba e Christiana kuyilwe i Komiti yokucela imali kuncedwe abazindlu zazingenelwa ngamanzi.

KUTSHA nje e Tekwini um-Zulu utengise ngedada kumlungukazi, elite lakuxblwa emva kwemini enye nezimbini litengiwe kwafunyanwa igolide ebukulu bungangentlumayo egileni.

U Miss OLIVE SCHREINER, inenekazi elidume ngencwadi elizibidileyo, ubandakanywe ngo Mgqibelo no Mr. S. C.Cronwright e Metele ngo Mgqibelo. Igama abalitabatileyo ngu Cronwright-Schreiner. Mpilo-nde ntle kubo.

KUTIWA ngoku u Lobengula akafile.

INTLANGANISO yamahlelo e Bbnti iya kuqala ngolwesi Ne lwezayo (7 March) e Kapa.

INTO ka Lamla (Dr. C. A. Lumley) yenziwe igqira lemicimbi yakwa Rulumeni ku Centani.

NGU Mr. Mcllwraith omiselwe kwi sihlalo sobukulu bomzi wase Bai esikundleni sika Mr. Brister oziroxisileyo.

UM-EFFENDI uhambele kwelase Yuropu. Kutiwa uzimisele ukuvula ibizinisi e Kapa yamawabo, ama Slamsi.

AMADODANA amakulu matatu akwa Mjaji kwelase Transvaal abushulise u Strandberg nendlu yake, amgxota nase fameni; esiti awazi Rulumeni wona.

INKOSANA namajoni alishumi abulewe e West Coast yase Africa ebengenele umzi wenkosi yakona eyenza amakoboka.

KUXELWA ezokububa kuka Dr. Burger obengu Mqondisi-Mteto wolaulo lwase Transvaal, olishiye eli ngebaqo ngolwesi Ne lwegqitileyo.

AZIKADE zihlambuluke indaba zokufa kuka Lobengula. O Colenbrander nezinye inkulelwana zelo lama Ndebele zifun' ukuti zingalukolelwa olodaba.

KUNYE nendaba zokusitela kuka Mr. Robert King wase Bai, kuhlokonyiswe ezokumka kuka Mr. Frank King, obe ngumlauli womzi wase Nyara, elifama elaziwayo kunene lalommandla.

U MR. GEORGE PIERS, umantyi wase Nyara, umiselwe kumsebenzi wobu Bali obukulu kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni endaweni ka Mr. W. H. Milton owenziwe isandla se Nkulu Yombuso.

## UKUTATWA KWELAMA MPONDO.

KUMHLOPE ukuba lamadoda alaulayo ngoku e Kapa azimisele ukuwuhluta kwi nkosi zama Mpondo umbuso welo; nokuba oko kuyakwenziwa ngemfazwe. Bengeko nje abahlobo bentlanga ezimnyama ema Bhungeni apete into zomzi zihleli zilindelekile into ezinjalo; saye sivuya ukuba izandla zabo zimsulwa kwinto ebonakala injengokuwabhomela ama, Mpondo, kuba ingqina into esihlala siyimele—le yokuba kulombuso kuko amaqela ofumana ukubuzelwa kuwo umzi ontsundu, aye eko engenayo inteto entweni enomntu ontsundu pakati. Elipepa le Mvo lilodwa namhla apa e Koloni ekutandazeleni ama Mpondo ukuba angapatwa ngoburalarume; onke amanye, abe enobuhlobo ngakuti ayayitakazelela lento yenziwe ngu Rulumeni kuba esiti, inkosi zelama Mpondo zixakiwe kukubalaula abantu, into change amayeyeye obusela, ukunukana, nokubulalana, nemfazwe pakati kwawo odwa. Inteto agqibe kuyo u Rulumeni e Kapa ivakaliswa ngalamazwi asulungekileyo lipepa eliyi *Cape Times* lolwesi Bini lwegqitileyo :— " Njengoko bekuman' ukuxelwa kulemihlati, u Rulumeni " umane ecinga ngokunzulu imo " yezinto kwelama Mpondo, ekute " ke entlanganisweni ye Bhunga " ebikwi Bhotwe le Ruluneli izolo, " kwenziwa ingqibo. Sipiwe isigqibo esisesi:—Ngenxa yokuba liseloko lipitizela elasema Mpondweni, zaye ne nkosi ziseloko zizigqita iziyalo zo Mhle i Ruluneli, u Rulumeni ugqibe kwelokundulula umtunywa kwelozwe ukuya kuxelela inkosi zelo ukuba lempato-mbi ikoyo kona ayinakuvunyelwa ukuba ibuye iqubeke." Liquba liti; " Lengqibo ihamba ngemvumelano nolaulo lwe Nkosazana lwa Pesheya yokuba le Koloni inokuti xa ibonayo ilitabate ibakala lokumisela okwesiko nokuzola kwelo. Kwakona no Rulumeni wase Natal ulixhase " elibakala ngenteto ezishushu " ezalata ukungonwabi, nelahleko " eyehlela elo ngokumana ama Mpondo esabela kona—into engenakunyamezeleka." Lentshumayelo iqukumbela ngeliti : " u Major ELLIOT, C.M G., oyalelwe ukuba ase lengqibo ezinkosini zama "Mpondo, unduluka kwangoku ukuya kufeza oko."

Lento ayenzileyo siti tina ayinani nani kunento ebesite asavisisana nayo yokuva sekuyalelwa imikhosi, kungabhekiswanga nto kumzi wama Mpondo. Ke ngoku ayakuke abe nokuteta, noko inteto yawo ingayi kuwanceda lutokuba inteto zelixesha zizezifuna ukuba zivakaliswe emapepeni ziviwe ngu.mzi zize zixoxwe.

Asiboni nto yimbi tina ngapandle kokuba ama Mpondo alungiselele ukumhlangabeza u Rulumeni kule ngqibo ngokutuma nawo awawo amatshawe e Kapa, zibhalwe izinto ekufuneka kumi ngazo no Rulumeni abotshwe ngemiqatango entweni ezililungelo zama Mpondo ukuze lenteto ingolaulo olubi no luhle ingabi yiyo intimbo yomhlaba esesite sayibona futi.

## UKUVUSWA KWABAFUYI.

-------------------♦------

INCWADI yo Messrs, PEACOCK BROS. & WEIR ngoboya iya kuleswa ngemihlali ngabo bonke abafuyi begusha bakowetu. Balata ingozi ehlalele ukuhlela isonka omi ngaso umzi. Eso sonka sesifunyanwa ngoboya: busisonka esikulu kumawetu esigqitileyo nakwesilinywayo, kuba ngengxowa umlimi woboya usati afumane iponti eneshumi nezimbini. Yimfanelo yake wonke otanda ukubona amawabo ehluma ukuba angavumeli nantonina ukuba isonakalise esi sonka: saye sisonakaliswa ngendlela embi ngabantu abakohlakeleyo abangene kwintlondi yokunganyanisi ekutengiseni uboya. Ukuxutywa kobuhlanjiweyo nobungahlanjiweyo, butengiswe njengobuhlanjiweyo yinto eya kuwonakalisela kunene umzi Asazi nokuba lento yenziwa ngabelungu bevenkile ekutengiswa kubo na; kodwa nokuba ngabo nokuba ngabantu, into le yona eyalatwa ngo Messrs. PEACOCK BROS. & WEIR mayindwetyelwe kunene ngumzi itetiswe ngokubu kali kwabayenzayo. Into engayinqandayo lenkohliso kukuha bupaulwe kakuhle uboya apo buvela kona, imimandla engenawo lamamanemene ingatwali ububi obungalunge nayo. Into le yona iyenkulu emayilunyukelwe kunene ngabo bonke abapile ngoboya, esitembayo ukuba baninzi abaya kuyilesa inteto yomzi omkulu ovusa abafuyi ngale ndawo.

## IHAMBO KA MR. RHODES.

---------♦---------

U MR. RHODES unduluka kwakwezi ntsuku e Kapa ukubambela izizwe ezintsundu ezipesheya kwe Nciba. Ikakulu ingomhlaba ihambo yake—anga angaqonda omakwenziwe ngawo kubaniniwo: amawetu ke. Ungumfo oliso libukali ukuchana indawo ezihofohofo entetweni yendoda, ekuyakufuneka amadoda ayakuteta naye eme kakuhle, awandita. Into yokonwaywa kwentloko ngokungati umhlaba asiwetu maze ingenziwa. Amadoda makakuqavise ukuteta mayelana nokulondolozwa kwento elilifa lawo—umhlaba. Enye into baze abantu balumkele ukuba bangangeniswa ngu Mr. RHODES kumaqinga okwanana ngawo amanye amalungelo anjengawevoti. Kodwa maziti ukuba ziyahanjiswa indawo zokuwuma kwetu umhlaba zenziwe kungananiswa nganto. Ete ema kakuhle amadoda kwelicebo ayakuba amgqibile u Mr. RHODES ; siliyaleza ke kuzo zonke izihandiba zakowetu, e Glen Grey, e Xalanga, kwa Hala, napipipi.

## ICEBO KUMA MPONDO.

UKUBA ama Mpondo ebengatabata icebo lowutandayo lowomzi ka NYAUZA ibikukuba namhla bakutambele ukungena ku Rulumeni ; kuba ukuba benze intamo yenkani bayakuba bancedise abatandi bemfazwe nokublutwakoinblaba abaninzi kunene kule Koloni. Kodwa sibe singawalumkisa ngelokuba akete kwakule Koloni amadoda atembekileyo abe ngamehlo nengqondo zawo entweni ezinjengokubbalwa kweminqopiso yokungena kwawo ku Rulumeni. Ngapambili, oko kwakusapete uyise ka SIGCAU, u MQIKELA, ama Mpondo enza ubulumko bokumisa u Rev. Dr. STEWART no Mr. IRVINE no FAKU (Col. GRIFFITH) ukuba abavele inteto yawo no Rulumeni. Into enjengaleyo iyafuneka namhh. Ebengamanya no HAGILE no Mr. HOUSEHAM amadoda abuhlobo ayaziyo intlalo yezizwe esezipantsi ko Rulumeni nendawo ezouakeleyo zayo, enzelwo iminqopiso eqinileyo eyakuwalondoloza. Lendawo siyiyaleza ngokubukali kwiziteti zasema Mpondweni.

## Impawana.

*KUBAXHASI BETU.*

Singa abahlobo balomsebenzi bangazi ukuba, ekuqutyweni kwawo kubako amaxesha esiba bafutshane ngemali (kuba ingumsebenzi ongomeleleyo ngokuyekelwa ngowona mzi mninzi wabetu); esiti sinyanzeleka ukuba sizibike nge zigijimi zase Posini kwabanye. Bayacelwa ke abavelelwe ngolohlobo ukuba baluhlangabeze ngoxolo balufeze olumemo, abangauceda umsebenzi wabo j opetwe siti, bazincede nabo ngokwenjenjalo.

February, 1894.

Intliziyo zamadoda u SIR GORDON anento nezombuso ebe zibeke kunene kolunyulo lube luse ba Tenjini, lilelocala lizamela ukuba kupumelele eyalo indoda. Kutiwa ngu Sir Gordon Sprigg owa bongoza ukuba aroxe u Faku ukuze u Mr. Sampson abe netuba lokugqwesa u Mr. Molteno. I *Cape. Register* iti kwalomnumzana wenza incito eninzi ngocingo eyaleza ukuba no Mr. King abuye umva, kodwa elokendle lalise lihamba kwekude nocingo imihlaba.

ABASEBENZI zi Nkomponi ze golide E RAUTINI. Amapatalala awenziwa e Rautini okuguqula ama Tshangana nama Nyimbani e Mpumalanga azokusebenza cmingxumeni awavumi kulungelelana. Lenkatazo yangabom yenziwa kuba kusitiwa ama Xosa afuna imali eninzi, nokuba akalunganga. Akuko nyaniso kulonto kuba amawetu ase Rautini afumana kwale mali ashiya yona apa ukanti umsebenzi unzima kwele Goli kunakwelilizwe. Besiba isifundo sase Kimbili besinokukunjulwa kuba inkoliso yama Tshangana nama Nyimbana awayesetyenziswa kona, yafa, yimbi yagoduka seyiyimikehlckehle kukuqotyozwa ngumsebenzi.

AMALUNGISELELO LOKESHONI. Sivuya kunene ukubona ukuba u Hon. T. E Bailey, M.L.C., Inkulu yomzi wase —.. ingayekile ukuwuzamela umnqweno wayo wokuhlambulula umzi wabantsundu e Komani. Ngenye imini upume neqela lamanye amanene alaula kunye naye into zomzi, banyuka besihla ne Lokeshoni? ukukangela into efunekayo. Lomcimbi we Lokeshoni ufuna amadoda anamava ukuze ulunge kanye. Elixa liququzela ngoluhlobo i Komani kokona owase Monti umdobelela ezantsi okunye ontsundu : kona into ejongiweyo kukuxeza imaii nje ngontsundu, kwaye kungakangelwa nokuba lonto inendawo emayipele kuyo nayo.

SABHOKWE NE BALAMENTE. Seloko kuko umingi- u mingi lokuba umhlobo wetu Inkanunu uhlalele ukupiwa umsebenzi zizilauli oyakubanga ukuba anyanzeleke ukuba asishiyeisitulo sase Palamente. Umzalwana lowo ngumntu osukela pezulu ukuyipikisa nantonina engaye angayamkeliyo ebonakala emapepeni; esite ke salindela ukuva ngaye nangale njengokuba kute cwaka nje, sesisiti mayibe ihlalele ukubanjalo lonto. Tina asisakuba lusizi, kuba woba ushenxela indoda eyakuwufanela umsebenzi elixa yena ayakungena kwindawo obungati ubuhedehede nokucuma adume ngabo bubo sihombo. Okwangoku i Qonce alinandoda inesitinzi kamnandi e Palamente.

ENYE INZIMA YAMAQABA. Intlalo yobuqaba kukwezimini ayinandlela. Isigwebo esiweswe yi Jaji enkulu kutsha nje siyakwenza ukuba lompi inge ingcnclwe ngamanzi okunye. Bekungesiko lokwendisa kwelaba Tembu. Inkulu ye Jaji ite ukuwisa isigwebo :—" Kupela ngumtshato wokuqala onokubalelwa ukuba ungowomteto, kodwa umteto awuyibaleli xabisweni eyamva ngalo lonke ixesha owokuqala usemiyo. Njengokuba ingenzelwanga ndawo eyamva, ndicinga ukuba ayindawo. Kwakona lama Tyala awamele kukutaza masiko angengawo awancedisa ukuhluma kwe Koloni. Amatyala elaba Tembu ayakumelwa kukukangela imicimbi yamabango epakati kwe Netevu ezimbini ezidibene ngomtshato zakuba bezingatshatile ngapambili." Ukutsho ke amatyala awasakusingata zinteto ezingamabango abafazi bezitembu abancinane nokuba ngabezinye izindlu. Esi sigwebo siya kuvulela amaroba amaninzi ayakuba nelahleko naku Rulumeni kwelo lapesheya kwe Nciba, kuba irafu zakomkulu ziya ngezindlu enazo indoda. Kumhlope ukuba kufuneka umteto omtsha ukuhlangabeza lendawo.

## AMANANI EZINTO.

E CRADOCK.—Imalike yango Mgqibelo, 24 February Ingqolowa 11/ ne 12/6 ngengxowa; Umgubo 14/ ne 18/ngengxowa ; leemile 4/ne 5/ ngekulu leponti; Urnbona 9/ ne 9/6 ngengxowa ; Iraai 5/6 ne 6/6 ngengxowa; Itapile 4/ne 5/ ngekulu leponti; Ihabile 6/ ne 6,6 nge 112 leponti; Ikafu 1/ ne 1/8 ngekulu leponti; Ibhotolo 10d ne 1/1 ngeponti; Amaqinda 1/4 ne 1/8 ngedazini; Inkuku 1/6 ne 1/9 inye ; Inkuni 15/ ne 30/ ngeflara.

—o—

E BHAI.—Imalike:—Irasi 4/ ne 4/3 nge kulu leponti; Itnbofyi (ezomileyo) 10/ ne 15/ ngekulu leponti; Isemile 5/ ne 6/ ngekulu leponti; Ibhotolo 9d ne 1/6 ngeponti; Ama. dada 2/ ne 2/6 lilinye ; Amaqanda 1/ ne 1/9 ngedazini; Ihabile 4/ ne 7/ ngekulu leponti; Inkuku 1/ ne 1/6 inye; Iranisi 2,6 ne 3/ inye ; Umgubo 8/ ne 12/ ngekulu leponti; Umbona 6/ne 7/ ngekulu leponti; Ihabile ezinkozo 5 '6 ne 7/; Itswele 3/ ne 9/ ngekulu leponti; Itapile 3/ 7/6 ngekulu leponti; Amatanga Id ne *li* lilinye ; Ikwakwini 6/ ne 10/ inye ; Inkuni 20/ ne 30/ ngeflara.

E QONCE—Imalike yango Mgqibelo, 24 February : —Ibhotolo 7d ne 2/4 ngeponti; Amaqanda 1/ne 1/7 ngedazini; Ihabile 1/ ne 3/6 ngekulu leponti; Itapile 3/5 ne 5/ ngekulu leponti; Umbona 4/ ne 4'9 ngekulu leponti; Inkuku 1/3 inye ; Amadada 1/9 ne 2/ lilinye; Amatanga 1/6 ne 3/ ngedazini ; Ipesika 6d ne 1/4 ngekulu; I apile 3/ ne 3/8 ngekulu ; Ikwepila lOd ngekulu ; Itswele 3/9 ngekulu leponti; Inkuni 5/ ne 31/ nge Sara.—Impahla ehambayo itengiswe ngoluhlobo efandes'ni:—Imazi zenkomo ezi 13, £4 5/ inye ; enye £2 5/, enye £4, enye £5 ; Inkabi ye nkomo enye £4 15/, enye £4. Unoxesha wekalityi utengiswe nge £50 ; Inkabi yehashe £22, enye £18, enye £16, enye £15 nenye £2 10/; Ipiyane endala £16.

—o—

E RINI —Imalike yangolwesi-HIanu, 23 February:— Isemile 3/6 ne 4/6 ngengxowa; Irasi 4/ ne 5/6 ngengxowa, eluhlaza 1/ ngedazini ; Ibhotolo 7 ½ d ne 1/4 ngeponti ; Amadada 1/6 no 2/ lilinye ; Amaqanda 1/6 no 1/9 ngedazini ; Inkuku 6d inye; Ihabile 2/3 ne 3/11 ; I ertj isi eziluhlaza 1/ ngeqela ; Ihabile 7/6 ne 8/ ngengxowa; Ilamuni 2/6 ne 3/6 ngekulu ; Umbona 10/6 ne 12/ ngengxowa ; I ertyisi (ezintle) 1/ ne 2/ ngekulu ; Ikwakwini 2/2 ne 7/6 inye ; Itapile 1/6 ne 3/ ngekulu leponti ; Itswele 4/ ne 5/ ngekulu le ponti; Umgubo 4/ ne 5/ ngengxowa ; Amatanga 2/ ne 3/6 ngedazini; Imbotyi ezomi. leyo 24/ ngama 200 eponti; I.ertyisi ezomileyo 36/ ngengxowa; Amazimba 11/ nge ngxowa; Amaqanda 8d ngedazini; Ingqolowa 6/ ne 6/6 ngekulu leponti ; Inkuni 11/ ne 36/ ngeflara.

